**TRANSCRIPT OF INTERVIEW CONDUCTED WITH MR GUBULA AT HIS HOUE IN PABALLELO TOWNSHIP ,UPINGTON**

**LEARNERS FIRST INTRODUCED THE PROJECT AND ASKED PERMISSION FROM MR GUBULA.**

**28 AUGUST 2007**

**MAKOA** : UMBUZO WOM WOKUQALA TATA, UTATA WAZALELWA PHI, KWAKHONA UTATA WAZALELWA NGOW'UPHINA UMHLA ?

**GUBULA** : NDIZELELWE E –LADYFREIRE NGOMHLA WESHUMI ELINESIHLANU KWINYANGA YESITHANDATHU NGO 1934.

**VOKONQO** : OWAM UMBUZO TATA, BENDICELA UTATA ANDXHELELE KANCINCI NGEFAMILY KATATA NALAPHO UTATA ABEKHULELE KHONA AS UMNTWANA OMNCINCI.

**GUBULA** : O! NDIKHULELE KWISIPHALUKA SASE VAALBANK , KWILALI EKUBIZWA KUTHI KUKWA HALA, APHO KE EBUNCINENI BAM NDIQAMBHUKE KHONA.NDISALUSA IMPAHLA EMFUTSHANE, UKUSUKELA ETAKANENI LEGUSHA, LEBOKHWE, ITHOLE LENKOMO, INKOMO NGOKWAYO NOKUFUNDA UKUBOPHA INKOMO XA KULINYWA NOKUFUNDA UKUBAMBA IKHUBA UKHOKHELA UKUQHUBA INKOMO ENTSIMINI NOKUBOPHA INQWELO NGEXESHA LEMVULA INT'EZILOLO HLOBO.

**NYANE** :UTATA WAFIKA NJANI APH'E UPINGTON ?

**GUBULA** :UKUZA KWAM APHA E-UPINGTON NGO 1954-NGEKONTRAK,EE NGALO MATHUBA KWAKUNGEKHO MALUNGELO KUMNT'OMNYAMA UBA UNGASUKA NJE UYE NAPHINA APH'UTHANDA KHONA. NGAPAHANDLE KOKUBA UBE UZAKUTHI-UYOKWENZA LO KONTRAKI-UYE EDOLOPHINI-IDOLOPHU YETHU EKUFUTSHANE KE ESIYOKUTHATHELA KHONA IKONTRAKI ZETHU IBISEKOMANI-EWE UHAMBE KE UYOSEBENZA ,MHLAWUMBI USEBENZA INYANGA EZINTHANDATHU OKANYE UTHATHE OOTEBA-UYE EMGODINI. ERHAWUTINI-NEMISETYENZANA EMINCINCI NJENGASEMASIMINI NANJENGEKONTRAK ZOKWAKHA INT'EZILOLO HLOBO

**MAKOA** : UTATA UBEHLALA PHI XA UFIKA APH' E-UPINGTON, BEFORE UTATA EFIKA APH'E-UPINGTON, WHERE DID YOU FIRST STAY ?

**GUBULA** : MMM-APHA E-UPINGTON NDIHLELI E-LOUISVALE LOCATION

**MAKOA** : KUKHO INTO YOKUBA APHO BENIFIKELE KHONA E-UPINGTON-KUKHO INTO YOKUBA ABANTU-THEY WERE REMOVED FROM THE PLACES APHO BEHLALA KHONA YINTONI EYABANGELA LO NTO OKOKUBA ABANTU BASUSWE APHO BEHLALA KHONA ?

**GUBULA** : EE EKUBENI SISAZILE NGALO MAXESHA ANGAPHAMBILI YOBANDLULULO-THINA BAMNYAMA BESICEKE-CEKILE-EE OKO KUKUTHI BESINGABANTU ABA-ONGABIZA NGOKUTHI YI-THIRD CLASS, NGOBA UMNT'OMHLOPHE IBINGUYENA OPHAMBILI, UMNTU WEBALA INGUYENA OBALASELEYO KUBA EFUNDISWA YONKE INTO, NJENGEZINTO ZOKOKHA IZINDLU, XA THINA BANTU ABAMNYAMA SINGABANTU ABANENGQONDO YOKUBA NJENGOKUBA SINGABANTU -SINAWO AMANDLA NANJENGAPHINA UMNI NALO, WALO NALIPHINA ILIZWE NJENGAMAZW' APHESHEYA-APHA E-AFRIKA SITHATHA UKUTHI LIKHAYA LETHU THINA BANTU BAMNYAMA

**MAKOA** : AKULULANGA UMNTU ASUSWE KWINDAWO ABEHLALA KUYO AYOKUBEKWA KWENY'INDAWO. Imeko ibinjani xa benisuswa endaweni ebenihlala kuyo kusitshwiwo ukuba nizokuhlala kwelicala lase Paballelo?

**GUBULA** : EEE.. AKULULANGA MNTWANAM UKUSUKA ENDAWENI ESISIGXINA KUYO EEE.. KAMBE ASITHATHANGA KUBA THINA SIMKISIWE E –UPINGTON UKUBA SISWE KWELOCALA SIZOBEKWA KWELICALA-KODWA INDAWO YOKUQALA EBALULEKE KAKHULU-UKUBA IMEKO YAYINJANI NGELO XESHA-NABE ELO XESHA UNGAKHUTSHWA ,NJE-ZONKE EZO ZINTO YAYIZEZOKUDODOBALISA INGQONDO YOMNT'OMNYAMA UBA A CONCENTRATE KWINTO ENYE YOKUBA WENA UPHETHWE.

**VOKONQO** : UTATA UBEDLALA NDIMA NI KWISTRUGGLE, UTATA UBE YIVICTIM OF APARTHEID BRUTALITY NJANI ?

**GUBULA** : EE..ESISTRUGGLE NTOMBAM ANDISITHATHANGA NJE E-UPINGTON-NDIZA NAS'EMVA NGOBA NGO '54 BEFORE NDIFIK'APHA BENDISELE NDILICHAM LOMNT'OMHLOPHE XA EFUN'UKWENZA NAYIPHINA'INTO INT'ENAYO NDAZITHETHELA NGOKWAM. NDIKHUMBULA NGO 1952 NGEXESHA LE DEFIANCE CAMPAIGN NDANDINGOMNYE ABABELEQWA E-KOMANI – KWIZISTRATO ZASEKOMANI-NDILEQWA NGEMBUMBULU SASINDA KE NGOBA SASITHI NGEXESHA LOKUPHUMA KWESKOLO ASAKWAZI KE UKUHAMBA,SABE SIYABALEKA SAYOZIFIHLA KE KWINDAWO EZITHILE . Ndaza ndakufuman'ithuba ndaqonda ukuba-ngo 1954 ndiyongen'EKOMANI NDIFUMAN INDLELA EZA NGANENO.

**MAKOA** : TATA YINTONI INTO EYENZ'UKUBA IKUPHUSHE WENA ULWELE FOR UBE AGAINST APARTHEID GOVERNMENT BECAUSE MOST OF ABANTU AS LONG EZIPHILELA ENDLINI YAKHE-AKANANGXAKI FOR LONG EZISEBENZELE-ESEBENZELE ABANTWANA NOMFAZI WAKHE, UYAZIPHILELA UQHUBELA PHAMBILI NGOBOMI-YINTONI INTO EKWENZELE UKUBA ULWELE ABANTU ABANINZI ?

**GUBULA** :—EE SIKHUTSWE NALAPHO BESIHLALA KHONA KWIMIHLABA ETHILE LASE EASTERN CAPE,EEE-KWATHI KE NGOKU KWAKWENZIWA INDLELA YOKWENZIWA KWAMAPHANDLE. XA SIFUMANISA KAKUHLE ABA BANTU BENZA LA MAPHANDLE BEDUDULA ABANTU KWINDAWO BEHLALA KUZO BAYOBABEKA BABE NGOKWENTANGO ZEMPAHLA-NOBA ZIYAHLABANA AZINAMSEBENZI.EE...UMNT'UHAMBA INDIMA ENDE ADE AFIKELELE EKUGQIBELENI, SOKUTHATHA ISIGQIBO PHAKATHI KOKUFA NOBOMI-KULAPHO KE NDIZOTHABATHA ISIGQIBO SENTOYOKUBA MAYIHLEHLAYO-. NAM NDANDINGOMNYE OWAYEKHWAZA-OKOKUTHI NDICAND'IBALA NDIYAKUMAZWE ANGAPHANDLE.

**MAKOA** : XA UMNTU ENOJONGA NGE PERIOD YE APARTHEID RESISTANCE AREA-NGEXESHA LOMZABALAZO KWENZEKE EZIZINTO ZEEDOMPASI, ABANTU ABAMNYAMA BABEBONWA BENGABO ABANTU, IBINGABANTU ABAMHLOPHE ABAPHETHEYO, XA UNOTHATHA LA PERIOD FROM THE 1950'S I-NP IBIPHATHA I-SOUTH AFRICA UYIDIBANISE FROM 1994 UNTIL UP NOW, INJANI?IMEKO YAHLUKE NJANI ?

**GUBULA** : UKUNYANZELISWA KWE GROUP AREAS ACT NGU MALAN UKUBA UMNTU ABE NE DOMPASS-LE DOMPASS IBISITHETHELELA NGEMILOMO YABO, KODWA KUNGEKHO NTO IQHUBEKAYO-NTONJENA IBISIIDENTIFYA UKUTHI THINA SINGABATHILE-SINELUNGELO PHAYA-IZOVALA LONKE ILUNGELO LOMNT'OMNYAMA, NGOBA IBIYINCWADI EKWAKUIDENTIFAYA NAMHLANJE UPHI, KULEVEK'IZAYO UPHI-UYAPHINA IKHUPHA IRESTRICTIONS USOLOKO UHAMBA NGEZIPASI-AWUKWAZI UKUHLALA IXESHA ELIDE-IF UTHATHE IKONTRAK YE 6 MONTHS, YAKUPHELA I 6MONTHS FUNEK'UPHINDE FROM YOUR OWN POCKET IF UBUTHE UZAPHINDISA.

**MAKOA** : INGABA UTATA U CONTRIBUTE NTONI KWIDEVELOPMENT YECOMMUNITY? INTO UTATA EBEXHSA NGAYO.

**GUBULA** : NJENGANTONI KE ?

**MAKOA** : NJE-UKULWA UKUDEVELOPA-UKUBA ICOMMUNITY IBENAYO YONKE INTO-OKOKUBA WONKE UMNTU ONGUMHLALI APHILE KAKUHLE.

**GUBULA**: 1957 KWINGXOKO ZIKAMASPALA NABANTU, KEIDEBEES, BLIKKIES, EE..ELI RAILWAY LALINGEKHO SO MUCH IMPORTANT NGOBA SASILAWULWA-APHO EBENANTSIKA KHONA, UMASPHALA KWEZI LOKISHI-UTHE UMASPALA ABANTU ABABEQASHE EMIZINI YABANTU,BEKUNENTLANGANISO NABO .NDANDIDLALA INDIMA EBALULEKILEYO KWEZONTLANGANISO.NDIZIBANDAKANYISE NOMZABALAZO WABAHLALI NGOKULWELA INTO YOKUBA ABANTU BAFUMANE I-CART AND TRANSPORT YEZINDLU ZABO- FROM IDEEDSOFFICE E –VRYBURG.NDANDISERVE KWISCHOOLBOARD COMMITTEES IN THE 80'S NDIQUQUZELELA ABANT'ABADALA UKUBA BALWELE FOR I OLD AGE PLACE OF SAFETY.

**MAKOA** : KUKHO INTO YOKUBA UTATA WAYEBANJIWE-YAYI YINTONI EYABANGELA LO NTO ?

NJENGOKUBA NDISITSHO NJE, NDITHETHA NGAMAVA AM. 1964 UNYAKA WONKE FROM 1963. NDINGATSHO NDIBONA PHA KO JULY NDIZOQALA APHO UKUBA LICHAM LABANT'ABAMHLOPHE-APHA E UPINGTON BENDIDETAINWA AMPER VELKE DAG, NAMHLANJE NDITHATHWE NDIYOKUHLALISWA E-SANLAM. NDIXOX'INTO ENDIGAYAZIYO. NDANDINGUNOBHALA WOMBUTHO WABANTU BAKUTHI ABAMNYAMA, NDILWELA INDABA YABANTU ABANGAFUMANI NDAWO YOKUHLALA, ABAVELA KOMA TANGANYIKA NOMA ZAMBIYA, ABABEFUNYAYISWA BEHLALA ESITISHINI. KWAKUKHO ABANTU ABABEXHATSHAZWA NGO TYWALA,EE.. UKUBA UFUNYANISWA UNOTYWALA BOMLUNGU UYABANJWA-IBISITHI NJE QHA-YILONTO BENDISITHI KUQALA SASIFANA NABANTU ABATHI YI-THIRD CLASS..EE..UYABANJWA EVEN XA UNOTYWALA BESINTU –SO MASIZAMENI UKWENZA INDLELA YOKUBA SIJONGANE.NGOKWALUSANA XA KUKHO INTO ELOLO HLOBO SIKWAZI UKUBA SIBETTHANE ISHUMI LESINE UMNTUNGANMYE.KWABE INGABANTU BETHU ABAYONDITHENGISA, NDANCAMA PHAKATGHI KO 1963 NO 1964 NDATHI MANDICANDELA KUBALA-NDIYOFUNA AMARHEWU ALUHLAZA NGAPHANDLE NDIYE E SOUTH WEST AFRICA NGO 1965 NGO MARCH-NALAPHO NDALEQWA NGUMJAMANI.NDANDIDLALE INDIMA ENKULU EKUQUQUZELENI KOLUTSHA NABAFUNDI KWIMIZABALAZO AGAINST BANTU EDUCATION AND BLACK LOCAL AUTHORITIES. EKUHLALENI BENDIQUQUZELELA I-UDF NGO-1985 KWAYE BENDITHATHE INXAXHEBA KWI CIVIC ORGANISATIONS EZAZIMELE ABAHLALI KWINGXOKO NOMASIPALA.NDITHATHE INXAXHEBA KWI COMMEMMORATION EVENTS EZAZIBANJELWA E PABALLELO, EZO EVENTS EZIFANE NE JUNE 16, MARCH 21 ZAZINGAVUNYELWA UKUBA ZIBIYOZWE. NDI ACTE

NJENGEMEDIATOR PHAKATHI KWAMAPOLISA NABAHLALI NGEXESHA LE CONFLICT ELOKISHINI.

**NJILI** : UTATA UDLALE NDIMA NI KWIPHULO LOKUKHULULWA KWE UPINGTON 26 ?

**GUBULA** : BENDINGOMNYE WABANTU ABABE QUQUZELELA I-INTERNATIONAL COMMUNITY IXHASE ELI-PHULO. NDIBA ZAMELE AMAQWETHA.BENDIYIMAIN ORGANISER YE CAMPAIGNS EZAZILAUNCHWE LOCALLY

**MAKOA** : ABANTU ABANINZI THAT WERE ACTIVISTS KULE APARTHEID RESISTANCE GOVERNMENT-KODWA XA SINOKUJONGA NGOKUBA BAMBALWA ABANTU ABA-AYENZEKI NTO YOKUBA UMNTU AYAZ'ILIZWE LAKHE NJENGO MANDELA NO BIKO ABAZIWAYO NGABANTU AS ACTIVISTS AGAINST APARTHEID. KULO MBUSO OMTSHA NGOKU O RULA I-SOUTH AFRICA INGABA IKHONA INTO ABAYEBANIKA UTATA YONA KULE NDIMA OYIDLALILEYO KULOMAXESHA.

**GUBULA** : NDIYAWUVUYELA LO MBUZO. THINA EKUQALENI-QALA BESINGAWUJONGANGA UMVUZO NGEZONDLO-UMVUZO WETHU IBIYIMPILO YABANTU-INDLELA KE THINA EBESISTRUGGLISHA , UMVUZO IBIYIMPILO. UVUYELA XA UMNTU ABUYELWA BUBUBTU BAKHE-ABUYELWA SISIDIMA SAKHE EE..AKWAZI UKUBA AFIKELELE APHO ATHANDA UKUFIKELELA KHONA-MNA NDIZAKUTHI NDIZIFANISA NO STEVE BIKO—OKANG'AXHAMLE YENA NGOB'UMANDELA YEN'UYAXHAMLA NANAMHLANJE. ANDIGUYE OLITYELWEYO-NJENGOKUBA LO RHULUMENTE SIPHANTSI KWAKHE ANDANELISEKANGA-ANDINAKHO UKUMPHIKA BECAUSE NDIMVOTELE.

LEARNERS EXPRESSED WORD OF THANKS AT THE END